URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Husain Mollagee**
ICandelo le-*eLearning*
Husain.Mollagee@westerncape.gov.za | 021 467 2855

Inombolo yefayili: 24/4/1

Isalathiso: 20240318-2598

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0002/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo ezifundisa iBakala 12

**Isihloko: Ibhanki enguvimba wedatha yeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke yesistim yekhompyutha yemibuzo neempendulo**

1. Iyafumaneka inkxaso kubafundi ababhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) yemathiriyeli echaphazelekayo ukulungiselela ilayibrari yesistim yekhompyutha ekwifomathi yemibuzo neempendulo (*Q&A*) esekelwe kumaphepha emibuzo e-*NSC* eminyaka egqithileyo, kwi-*Learning Management System* (*LMS*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni. (Makufundwe apha https://wcedelearn.westerncape.gov.za.)

2. Le bhanki inguvimba wedatha yemibuzo neempendulo inxulumene namaphepha emibuzo e-*NSC* aphakathi kuka-2008 no-2023 yaye iquka izifundo ze-*Curriculum Assessment Policy Statement* kuzo zombini iilwimi, isiNgesi nesi-Afrikansi. Abafundi banikwa ithuba lokuvavanya iimpendulo zabo kwimibuzo, yaye bayinikwa ngoko nangoko inkcazo ngokuqhubekayo.

3. Ezi zibonelelo zemibuzo neempendulo (*Q&A*) zisekelwe kwicandelo lokuqala lamaphepha emibuzo eminyaka egqithileyo kuzo zombini iindidi zefomathi zemibuzo, imibuzo ekhethisayo (*multiple choice*), iimibuzo efuna kukhethwe iimpendulo ezihambelana nemibuzo ngokuchanekileyo kwikholam (*matching column)* nemibuzo efuna iimpendulo ezimfutshane yaye zinganako ukusetyenziswa njengenxalenye yeeklasi zokufikelela kwikhontenti ekufuneka ifundiwe, ezenzelwe iinjongo zokurivayiza okanye njengoko kuyalelwe ngootitshala bezifundo.

4. Izifundo ezifumanekayo zidweliswe kwisihlomelo esiqhotyoshelweyo. (**Makufundwe isiHlomelo A**.)


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

5. Ukufikelela kwizibonelelo, abafundi beBakala 12 kufuneka babe neenkcukacha zokungena kwikhompyutha (*login credentials*) ezifumaneka kwi-*CEMIS* kwinkqubo ecaciswe ngezantsi. Oku kuya kuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela ngqo kwizibonelelo zemibuzo neempendulo (Q&A) ezifumaneka ngoku nezihambelana nezifundo zabo abazikhethileyo.

6. Iinkcukacha zokungena kwikhompyutha zomfundi ziyafumaneka kwi-**"*CEMIS*",** phantsi kwe-ayithem yemenyu ephawulwe **"*Reports*",** emva koko phantsi kwemenyu engu- **"*LMS*".** Kunokwabelwana nomfundi weBakala 12 ngamnye **ngeeNkcukacha zoMfundi zokuNgena kwikhompyutha**.

7. Kunikwe isikhokelo esinamanyathelo alandelelanayo ukuncedisa abasebenzisi bekhompyutha bafikelele kwezi zibonelelo zemibuzo neempendulo (*Q&A*). (**Makufundwe isiHlomelo B, B1 kunye no-B2.**)

8. Ukuba nifuna ingcaciso okanye inkxaso engaphezulu, kucelwa niqhagamshelane nabacebisi be-*eLearning* bezithili zenu ngokusebenzisa le linki ingezantsi: https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning/elearning-contact-your-elearning-advisor.

9. Kucelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2024-03-26